an agency of the
Department of Sport, Arts & Culture
**The KwaZulu-Natal Performing Arts Company**
**Declared in terms of section 3(1) of the Cultural Institutions Act, 1998(Act No 119 of 1998) on 01 April 2003**
**PO Box 5353, DURBAN, 4000, 29 Acutt Street, DURBAN, 4001, KwaZulu-Natal, South Africa**
**Tel: (031) 3699555, Fax: (031) 306 2166, Production Services Mayville, Tel (031) 208 4171 Fax: (031) 208 4162**
**http://www.playhousecompany.com**

**I-PLAYHOUSE COMPANY**

**ISICELO SESINIKI-MAXABISO: UKUTSHINTSHELWA KWEEFAYILI ZOSHICILELO KUNYE NAMAXWEBHU ASEPLAYHOUSE COMPANY KWIMO EDIJITHALI.**

**ISALATHISI: PHC 74/2022**

I-Playhouse Company liZiko leNkcubeko elibhaliswe phantsi komyalelo weCandelo lesi-3(1) loMthetho wamaZiko eNkcubeko, wonyaka we-1988, ukuze liqhubele phambili ubuGcisa neNkcubeko kwiphondo laKwaZulu-Natala.

Eli ziko limemelela abantu ababhidayo ukuba bangenise iziniki-maxabiso zokutshintshela iifayili zoshicilelo kunye namaxwebhu eli ziko kwimo edijithali ukuze iingxelo zeli ziko zigcinwe ngokukuko zikule mo.

Umsebenzi oza kwenziwa uquka ukutshintshela kwimo edijithali ezi zinto zilandelayo:

- Iifayili zokuvelisa
- Imibhalo-ngqangi
- Iifoto
- Iingxelo zonyaka
- Uyilo lweekhostyum
- Izithunzi zeefoto (*negatives*)
- Ii-*audio Reels* ezinkulu nezincinane
- Iiteyiphu zeVHS
- IiLP neeteyiphu ezishicilelweyo
- Amakhasethi adlala kunomathotholo
- Imizobo

Uluhlu lwamanani lufakiwe kuxwebhu lwesiniki-maxabiso.

**Izinto eziyimfuneko ezifuneka kwantlandlolo zidweliswe apha ngezantsi:**

- Umniki-nkonzo obhalisiweyo kuvimba ongundoqo weenkcukacha zabaniki-nkonzo kaNondyebo kaZwelonke (C.S.D).
- Isiqinisekiso sokuHlawula iRhafu esisemthethweni okanye i-*pin* ekhutshwe ngabakwaSARS.
- Iingxelo zemali zeminyaka emi-3 edlulileyo ezisandul'ukuphicothwa.
- Iifom zeSBD ezizaliswe ngokupheleleyo zaza zatyikitywa.
- Kufuneka umniki-nkonzo abe lilungu leSAMPRO.
- Iziniki-maxabiso kufuneka zingeniswe ngqo kule dilesi ebhalwe apha ngezantsi.

Amaxwebhu eziniki-maxabiso aza kufumaneka kwi-*e-Tender Portal* kunye nakwiofisi elikomkhulu yasePlayhouse Company ezinze ku-29 Acutt Street kwaye ahlawulelwa imali engama-R350 engabuyiswayo yaye afumaneka ngomhla wama-**26 kweyeDwarha ngowama-2022** ukususela ngentsimbi yeshumi kusasa (10h00).

Intlanganiso enyanzelekileyo ebanjelwa kwisiza iza kuba ngoLwesine umhla wama-**04 kweyeNkanga ngo-2022 ngentsimbi yethoba kusasa** (**10h00)** ePlayhouse Company, 29 Acutt Street, Durban 4004.

**Umhla wokuvalwa** kokwamkelwa kwezicelo zeziniki-maxabiso ngowama-**28 kweyeNkanga ngowama-2022 ngentsimbi yeshumi elinanye ngentlazane (11h00)**. Azisayi kwamkelwa izicelo ezifike emva kwexesha. Kufuneka amaxwebhu athunyelwayo abhalwe ngokucacileyo, afakwe kwimvulophu/kwipasile etywiniweyo abhalwe ukuba aya kwiNgqonyela ePlayhouse Company, 29 Acutt Street, Durban 4001.

*Xa unemibuzo nceda uqhagamshelane no*Mnu. Siya Manqele kule nombolo yomnxeba: 031- 369 9507 okanye kule dilesi ye-imeyili accountingassistant@playhousecompany.com